

Izimvo eziphuma kuMhlangano weBhunga leYunivesithi womhla wama24 kweyeSilimela ka2024

IBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) lihlangene ngoMvulo, umhla wama24 kweyeSilimela. Kubekho uthotho lwemiba ebalulekileyo kuluhlu lweengxoxo, kuquka iWilgenhof, iSUNStudent, ingxoxo ngengxelo yekota yeNgqonyela, iZiphumo zeMali zeYunivesithi zika2023, kunye neNgxelo eHlanganyelwego yoNyaka.

lWilgenhof

Njengoko kwakusele kutshiro emva komhlangano weBhunga, iBhunga lathi laxoxa banzi ngesindululo esenziwe yiNgqonyela zokuvalwa kwendawo ehlala abafundi iWilgenhof kule meko ikuyo ngoku ze indawo yayo ithatyathwe yenze indawo yokuhlaliswa kwabafundi ephuculiwego. IBhunga lagqiba kwelokuba esi sindululo sidinga ukuqwalaselisiswa ze, ngaphambi kokuba kuthatyathwe nasiphi na isiggibo ngesi sindululo, kumenywe onke amahlakani anomdla nachaphazelekayo ukuba angenise izimvo ezibhalwe phantsi ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyeKhala ka2024 [kwikhonkco](#) elinikezelweyo lokufakwa kwezimvo.

Ukuze ube nokufunda imbalelwano equlethe iinkcukacha ezigqibeleleyo, nceda ucufe [apha](#).

Ndingathanda ukukhuthaza bonke abo bangathanda ukuba ziqwelaselwe izimvo okanye iimbono zabo, ukuba bancede baphendule kwela khonkco lamangenelo - izimvo ezingangeniswanga ngekhonkco lokungenisa okanye ezingeniswe emva kwexesha, azinakuqwalaselwa.

iSUNStudent

Akubanga lula ukumiselwa kweSUNStudent. Ekuqwalaseleni amanyathelo alandelayo neBhunga, uRejistra ugxininise ukubaluleka nokuphakanyiswa kokuqoshelisa konyaka wokufunda. Xa kuqwalaselwa imingeni yomiselo, iqela liphanda ngeyona ndlela ifanelekileyo ukuya phambili.

INgxelo yeNgqonyela yeKota

UNjing Wim De Villiers unikezele ngengxelo kuthotho lweembalaselane kunye namalinge ngethuba lekota yesibini.

Enye yezinto ebalaseleyo etshatsheleyo ibe kukuwongwa ngeMbasa yeTempleton kukaNjing Pumla Gobodo-Madikizela. Eli wonga libubungqina begalelo lakhe eligqwesileyo kwicandelo loxolelwano kunye neenkqubo zokulungisa eziza emva kweentsizi ezingumvuka

wobundlobongela, yaye ke oko kuza newonga hayi kuye kuphela koko nakwiYunivesithi yaseStellenbosch ngokubanzi. Amalungu eBhunga avakalise izincomo ngesisa esizizigidi ezisibhozo zeerandi eziyinxalenye yebhaso likaNjing Gobodo-Madikizela eya kwiYunivesithi yaseStellenbosch ukuze kunikezelwe inkxaso kuthotho lwamalinge, kuquka inkxasomali yokufunda enika isidima abazali bakhe uNobantu noTukela Gobodo, inkxasomali kwinkqubo iSUNRISE yabo baseza kuba ngoonjingalwazi kwixa elisezayo kunye nenkxasomali kwiZiko leeMpembelelo zaseMva koBundlobongela nokuZungezwa kweZilungiso apha angumsungili nomlawuli.

Ezinye iinzuzo ezibalekayo kule kota ziQuka ukubandakanywa kukaNjing Tilio de Oliviera kuluuhlu lweMpilo iTIME100 lweTIME Magazine ndawonye newonga lobunjingalwazi ahlonitshwe ngalo uNjing Ingrid Woolard kwiYunivesithi yaseGroningen.

INgqonyela ikwathethe nangamatyathanga obudlelwane kumanqanaba aphezulu bale Yunivesithi namaqumrhu afana neYunivesithi yaseGroningen (ezona nto ziphambili ke kobu budlelwane ziQuka iinkqubo zezifundo zenqanaba lobugqirhalwazi, amahlakani obambuno kwanalawo akumaqumrhu azimeleyo enqanaba lobugqirhalwazi, kunye nokunaniselana ngaabafundi nabasebenzi kwakunye neqonga iSouth Africa-Sweden University Forum, (Isasuf)) (egxile ekugayeni amava eengcali ngenjongo yokupuhlisa izisombululo zentsebenziswano ezenzelwa imiba efana noguuguqukuo lwemozulu, imfundu yoluntu oluzinzileyo, umthwalo wezifo kwakunye nokwenziwa kweedolophu ngendlela ezinzileyo). Umsebenzi weSikolo seZifundo ngeeMo zeZulu kunye noweSikolo seNzululwazi yeeNkcukacha kunye neeNgcamango ezingeeKhompyutha kwakunye nophandonzulu leSU ngezonyango nezempiro, zibeka Isu kumanqwanqwa ophando angaguqula ubomi, kweli lizwe nangaphesheya.

INgqungquthela yeTimes yeeYunivesithi zaseAfrika ziZonke yeMfundu ePhakamileyo (eyayisindlekwе ngobambiswano neYunivesithi yasePitoli) yagxininisa kuzinzo, uphando olundilisekileyo, kwakunye nokuqesheka, ngelixa uPhehlelelo lweLebhу yokuqala ngqa yeyoYilo lweMigaqonkqubo kwiSikolo seNzululwazi yeeNkcukacha kwakunye neeNgcamango ezingeeKhompyutha lujolise ekulwisaneni nemingeni yokuqulunqwa kwemigaqonkqubo kusetyenziswa inzululwazi yeenkcukacha kunye ne-Al.

INkomfa yeCIRCoRE ngeziXoxisayo ekusetyenzisweni kobuhlanga namanye amabakala oluntu kwiCandelo leMfundu ePhakamileyo eMzantsi Afrika eyayibanjwe kwisithuba seeveki ezimbalwa ezidlulileyo eSTIAS, yayiyeyokuqala efana nayo kweli lizwe. Oku ke kuqaqambise ithuba lokuba iSU ibe yinkokheli kwezophando lwamakhono ohlukaneyo kwinkalo yobuhlanga kwakunye nokufakwa koluntu kumabakala. IBhunga liyingqinile eyokuba iCIRCoRE isathe chu kuhle kwizindululo zayo zexesha elifutshane, ezeliphakathi nezelide.

Inani elimisela irekhodi lokubhukhwа kangangama 40,000 (ezingama 6 000 zona zodwa zezekhampasi eseTygerberg ze ezingama 8 000 zona zibe zezeFakhalthi yezobuNjineli) kolwa Suku lokuVula belusandula ukusindlekwе oluqaqambise ukugxila kule Yunivesithi njengeyunivesithi ethandwayo kwitalente egqwasileyo ezikolweni yaye isiphathele ithembu ngomgangatho wabafundi abaza kungena ngo 2025.

Imisitho yothweso lwezidanga lwenyanga yoKwindla lilibeke inani elipheleleyo lezidanga ezithe zanikezelwa ku 2023 kuma 8 760 apha ama 320 abe zizidanga zobugqirhalwazi (eli lelona nani liphezulu kususela ngo 2020).

EzeMali zika2023

IBhunga liziphumezile iiNgxelo zeMali eziQukanisiweyo zoNyaka zika2023 kwakunye neNgxelo yoNyaka ehLanganyelweyo ka2023. Phantsi kwaloo meko ibimaxongo ngendlela embi, iYunivesithi ivelise intsalela encinci yokusebenza ngo2023. Zisaqhuba nokukhula zona izimemelo zokuba ingenelele iYunivesithi apha kukhangeleka icotha okanye inganeno khona kunaleyko ibilindelekile inkxasomali evela eburhumenteni. Oku akuzinzanga yaye kubalulekile ukuba iSU iqhubo nokwakha ulovo oluluqilima ze itsale namaqumrhu esisa aluqilima. Kule nkalo, iBhunga belikhholisekile ukungqina ukwanda kwengeniso yesisa ethe yafumaneka kwinxalenyo yokuqala yalo nyaka. Asikuthathi kancinci oku.

INgxelo yeSekela leNgqonyela: Ifuthe kuLuntu, ezingeeNguqu kunye nezaBasebenzi

Intetho kaNjing Nico Koopman kwiBhunga iqaqambise ukuzinikela okusaqhubayo ekuboneni ifuthe kuluntu kunye nenqubo yeenguqu ekhobelwa luthotho loogxa bethu apha eYunivesithi. linkalo eziphambili zenkqubela ziureka ukwanda kweyantlukwano kubasebenzi abafundisayo kwanabo bamisebenzi inika inkxaso ndawonye nokuphucuka kweyantlukwano yoluntu kumaqumrhu eli ziko afana neBhunga leeNkokheli zaBafundi, isiGqeba soLawulo kunye Bhunga. liKPA (iiNkalo eziPhambili kwiNtsebenzo) ezisaqulunqwayo, zижолise ekuhlqaniseni inkqubo yokuqulunqa eqiqileyo negxilw kwiinkqubo zeenguqu kule Yunivesithi. UNjing Koopman uthe ezinye zezona nkxalabo ziphambili kuye ziureka indlela yokuqulunqwa kweenkqubo ezivuselela ukuthabathela uxanduva, ukunikezelwa inkxaso ekwabelaneni ngendlela enobukroti, kwakunye nokuphuculwa kokusebenza ngendlela evulelekileyo, ze ekugqibeleni kuwenziwe bonke abasebenzi bagxile kwinto enye, ukususela ekuzameni kuye kuma ekuqaqambeni.

Iziphumezo, iingqesho, kunye neentshukumo zeBhunga

IBhunga liphumeze

- Amanyathelo angxamisekileyo okuqwelasela ukhuseleko lokutya kubafundi abathe bachaphazeleka ngungcipngcip wenkxasomali yeNSFAS
- Imigaqo ehlengahlengisiweyo kaKhala kwakunye nokwandisa kwexesha loMkhuseli osekhojo ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyeDwarha ka2026
- Izilungiso nezongezo kwinkqubo esasetyenziswayo yezifundo ezinikezelwayo kunye, ngqo, nokuphehlelelwa kwentsha inkqubo yeeMastazi kuLawulo lweNtlungu ukususela ngo2026.

IBhunga linqwalile ekuphindweni kuqeshwe

- uNkszn. Ilhaam Groenewald njengoMlawuli oyiNtloko kwezeMidlalo yeMatie
- UNjing MR Madiba njengeNtloko yeFakhalthi yezeMfundu
- UMnu JP Bester noNjing. ML Woermann njengamalungu ekomiti yeeNkqubo zokuZiphatha yezoLuntu nezoShishino ukuze bahlale eminye iminyaka emithathu
- UNjing JD Krige njengetrasti kwiTrasti yaseStellenbosch isithuba seminyaka emihlanu.

UMnu Willie Liebenberg (otyunjwe yiMbumba) urhoxile kwiBhunga. Iza kuqaliswa kungekudala inkqubo yokufumana oza kuvala isikhewu asishiyileyo. Ndingathanda

ukumbulela ngeminyaka yakhe yokuzinikela kule Yunivesithi kwiBhunga nakumanye amaqonga.

Ukukhangelwa kweNgqununu neNgqonyela entsha

Ukukhangelwa kweNqununu neNgqonyela entsha kusaqhuba kakuhle. IBunga lijonge ekuyiqosheliseni le nkqubo ngenyanga yoMsintsi.

Amanye amazwi okuvala

Ndifuna ukuncoma engaqhelekanga yona iKhabhinethi equa imibutho eyahlukeneyo etyunjwe nguMongameli. Akui kusothusa ke ukuyicingela eyokuba mniyi umsebenzi ekusafuneka wenziwa. Sinethemba lokuba iKhabhinethi iya kusebenzisana ngenjongo yokwenza iinguqu zempucuko kumava obomi bomntu wonke weli lizwe lethu silithandayo.

Kukho uMphathiswa omtsha kunye namaSekela oMphathiswa amabini ngoku (omnye wawo mtsha yaye wayesa kuba ngumfundu wethu) futhi ke sijonge ekusebenzisaneni nabo kumba womgaqonkqubo ndawonye nemiba yoqoqosho elijamelene nayo icandelo lethu. Liyavisa noko inani lamalungu eKhabhinethi ayesa kuba ngabafundi bethu yaye ke, kule nkalo, ndingathanda ukuvuyisana ingakumbi noGqr Leon Schreiber (olilungu leli Bhunga) ekutyunjweni kwakhe njengoMphathiswa wezeKhaya. Ndikunqwenelela amandla emsebenzini wakho Gqr Shreiber.

Xa ndivalelisayo, enkosini nonke ngenxaxheba yenu ekunikezeleni oko iYunivesithi ikwenza ngobunono. Linga ikhefu lasebusika linganisondeza kwabo basenyongweni.

Ngokuzithoba,

NguNicky Newton-King

uSihlalo weBhunga